## Isivumo SaseBelhar

*Le yinguqulelo yesiAfrikaans yesivumo-lukholo njangoko samkelwa ngo 1986 yiSinodi yeNGSK kumaZantsi eAfrika. Le nkcazo ilandela iwonga lesivumo-lukholo sika1982 esichasana nokukhuselwa kocalu-calulo ngezizathu zokuziphatha nethiyoloji.*

1. Siyakholwa kuThixo oziqu zithathu emnye, uYise noNyana noMoya oyiNgcwele, othi ngeLizwi lakhe nangoMoya wakhe aziqokelelele iCawe eyeyakhe, aze ayikhusele ayilondoloze ukususela ekuqalekeni kwehlabathi kuse esiphelweni.

2. Siyakholwa kwicawe engcwele enye eyeyezizukulwana ngezizukulwana, ibubudlelane babangcwele ababiziweyo bevela kuluntu xa lulonke. Siyakholwa ukuba umsebenzi kaKrestu wokuxolelanisa uyabonakala kule cawe ububudlelane bokholo bâbo bathe baxolelaniswa noThixo nabathe baxolelaniswa omnye nomnye. Ngenxa yoko siyakholwa ukuba ubunye becawe kaYesu Krestu busisiphiwo, bukwangumyalelo; bungamandla abandakanyayo ngomsebenzi kaMoya oyiNgcwele, kodwa kananjalo buyinto ekufuneka iphuthunywe ifunwe, into ekufanele ukuba abantu bakaThixo bahlale bekhuthazwa ukuyakha. Siyakholwa ukuba obu bunye kufuneka bubonakale ukuze ihlabathi liqonde; kwaye siyakholwa ukuba ucalu-calulo nobutshaba nentiyo phakathi kwabantu bebodwa okanye bengamaqela sisono esesoyiswa nguKrestu. Ke ngoko yonke into echitha ubunye kufuneka ichaswe, kuba ayinandawo ecaweni kaKrestu. Siyakholwa ukuba obu bunye babantu bakaThixo bufanele ukuba bubonakale busebenza ekuhleni iindlela ngeendlela, ngokuthi sithandane, sibe nobudlelane omnye nomnye ngenxa yobunye esibuphuthumayo nesibuphumelelisayo, ekubeni siziva sinemfanelo yokuzinikezela ngokupheleleyo nangovuyo omnye komnye ukuze sakheke sibe noyolo, nasekubeni sidlelana ngokholo olunye, sinalubizo lunye, simxhelo mnye, sibanye ngezimvo, sinoThixo omnye onguBawo wethu sonke, siphefumlelwa nguMoya omnye, sisabelana ngasonka sinye nandebe-nye, sibhaptizwe ngalubhaptizo lunye, sivuma Gama linye, sithobele Nkosi inye, sizimisele ngomcimbi omnye, lilinye nethemba esabelana ngalo, kukunye ukukuqonda kwethu ukuphakama nobubanzi nobunzulu bothando uKrestu asithande ngalo, sisakheka kunye ukuze sifuze uKrestu sibe luluntu olutsha, sithwalisane ubunzima, size ngokwenjenjalo siwufeze umyalelo kaKrestu, sixhomekekane sakhane, siyalane sithuthuzelane, sidlelane ngokuthwala ubunzima ngenxa yobulungisa, sithandaze ngamxhelo mnye, sibambisane ekumsebenzeleni uThixo kweli hlabathi, sikuchase kunye konke okunokuthintela nokuchitha obu bunye. Siyakholwa ukuba obu bunye bunokuphunyeleliswa kuphela kukuqhutywa yintliziyo kungekuko ngokunyazelwa; kwaye sikholwa ukuba, ngenxa yoxolelaniso oludalwe nguKrestu, iindidi ngeendidi zeziphiwo zoMoya namathuba neemvelaphi neembono, kwakunye neentetho ezahlukeneyo neenkqubo-ntlalo ezingafaniyo, zisivulela ithuba lokuba sikhonzane sakhane siluhlanga olunye olubonakalayo lukaThixo. Siyakholwa ukuba ukholo lwenene lokukholwa kuYesu Krestu lulo kuphela oluyimfuneko ukuze umntu abe nokuba lilungu lwale cawe. Ke ngoko siyayikhaba nayiphi na imfundiso ethi indawo ephambili kukungafani kwabantu ngokwendalo, okanye kukwahlulahlulwa kwabo ngenxa yesono, ze ke le mfundiso ithintele okanye ichithe ubunye obubonakalayo nobusebenzayo becawe, ide ibange ukusekwa kweecawe ezahlukeneyo. Kananjalo sikhaba nayiphi na imfundiso ehanahanisayo ngokuthi obu bunye bomoya bugcinwa ngenene ngentambo yoxolo xa amakholwa anesivumo esinye athe ahlukaniswa ngenxa yokungafani nangenxa yokungaxolelaniseki. Sikwakhaba nayiphi na imfundiso ekhanyelayo ukuba kusisono ukukulandula ukubuphuthuma obu bunye obubonakalayo obusisiphiwo esinqabileyo. Kanjaqo sikhaba nayiphi na imfundiso ethi ngokuvakalayo okanye ithe cwaka ihanahanise ngokuthi ubulungu becawe bukwaxhomekeke kumlibo wokuzalwa okanye nakuyiphi na enye indawo enxulumene nemeko yomntu nenkqubo-ntlalo.

3. Siyakholwa ukuba uThixo icawe yakhe uyiphathise udaba loxolelaniso olukho kuye nangaye uYesu Krestu; cawe leyo ibiziweyo ukuba ibe yityiwa yehlabathi kwanokhanyiso lwalo; icawe ekuthiwa inoyolo kuba iyimbumba yabaxolisi; icawe elingqina ngamazwi nangezenzo, ingqinela izulu elitsha nehlabathi elitsha elimiwa ngobulungisa. Siyakholwa ukuba uThixo uthe ngeLizwi lakhe elidala ubomi nangoMoya wakhe umniki-bomi waloyisa igunya lesono nokufa, wathi ngokwenjenjalo wakoyisa nokungaxolelaniseki nentiyo, ubukrakra bentliziyo nobutshaba; kananajalo ngeLizwi lakhe elidala ubomi nangoMoya wakhe umniki-bomi uThixo abantu bakhe ubanike igunya lokumthobela ngendlela entsha enokuthi nakumzi jikelele nakwihlabathi

izekelise ngeendlela ezintsha zenkqubo-ntlalo. Siyakholwa ukuba olu daba lwenziwa lungabi nakukholwa, ze ke nempembelelo yalo encedayo ithintelwe, ukuba luvakaliswa kwilizwe elibanga ukuba lilelobuKrestu kanti kulo kuyanyazelwa ukwahlulwa kwabantu ngokobuzwe, ze ke bangathembani koko bathiyane babe nobutshaba. Siyakholwa ukuba iyalahlekisa yaye iyimfundiso ezimisele ukulawula iinqondo zabantu nayiphi na imfundiso ethi ukwahlulwa kwabantu ngonyanzelo ngolu hlobo yinto esiyifundiswa ziiNdaba eziMnandi zikaThixo, ibe ikutyeshela ukuthobela umyalelo kaThixo iyihambe indlela yoxolelaniso, ize ithi ngenxa yokwenza ingaqalanga yaqonda nangenxa yokoyika nokungabakhathaleli abanye nakukuswela ukholo isuke iwakhanyele amandla eeNdaba eziMnandi okuxolelanisa. Ke ngoko siyayikhaba nayiphi na imfundiso ethi iiNdaba eziMnandi zikaThixo okanye intando kaThixo ziyakuvuma ukuba abantu mabahlulwe ngonyanzelo ngokobuzwe nangebala kwimeko elolu hlobo, ze ke ngokwenjenjalo ithintele iphuthise ukuvakaliswa nokuxhanyulwa koxolelaniso olukho kuKrestu.

4. Siyakholwa ukuba uThixo wazityhila engulowo uthanda ukudala ubulungisa noxolo lwenene phakathi kwabantu; othi ngendlela eyodwa ehlabathini elizele zizenzo zentswela-bulungisa nobutshaba abe nguThixo wabahlelelekileyo nabangamahlwempu nabaphethwe ngendlela engafanelekanga, yaye necawe yakhe uyibiza ukuba imlandele kule nto; kananjalo abacinezelweyo ubenzela ubulungisa, abalambileyo abanike isonka; amabanjwa uyawakhulula, iimfama azenze zibe nako ukubona; abantliziyo zidakumbileyo uyabazimasa, abangeneleli abakhusele, iinkedama nabahlolokazi abancede, xenikweni axabayo endleleni yabangendawo; yaye kuye ukukhonza uThixo ngendlela ecocekileyo nengenachaphaza kukubonelela iinkedama nabahlolokazi emngciphekweni wabo; ewe, abantu bakhe ufuna ukubafundisa ukwenza okulungileyo baphuthume ubulungisa. Ke ngoko siyakholwa ukuba icawe imelwe kukubanceda abantu nakuluphi na uhlobo lwentlupheko abanokuba kulo, nto leyo ekwathetha ukuthi icawe iya kungqina iphikisane nalo naluphi na udidi lwentswela-bulungisa, khon’ ukuze ukugweba ngokwemfanelo kugaleleke okwamaza nobulungisa njengomfula ongatshiyo. Siyakholwa ukuba icawe, emnikazi wayo inguThixo nje, imelwe kukuma nkqi, ichase intswela-bulungisa, ibaxhase abo bangaphathwanga ngobulungisa; yaye icawe, ilandela uKrestu nje, imelwe kukungqina ichasane nazo zonke iziphathamandla noosomalungelo abalungiselela iziqu zabo kuphela kangangokuba basebenzise abanye bebasindanisa. Ke ngoko siyayikhaba nayiphi na imfundiso ezimisele ukulawula iingqondo zabantu ethi iindidi ezithile zokuphathwa kwabantu ngeendlela ezingezizo ezobulungisa zivumelekile, yaye sikhaba nayiphi na imfundiso engavumiyo ukuthi ngenxa yeeNdaba eziMnandi zikaThixo iyichase inkqubo enjalo.

5. Siyakholwa ukuba icawe iyabizwa ukukuvuma nokukwenza konke oku, imthobela uYesu Krestu oyeyona Ntloko yayo, nokuba kuyachaswa ngabasemagunyeni nayimimiselo yabantu, kananjalo nokuba okuvumayo nokwenza oku ezibizela isohlwayo nembandezelo. NguYesu oyiNkosi. KuThixo emnye, uyise noNyana noMoya oyiNgcwele, makube ludumo nobungangamsha ngonaphakade kanaphakade.